URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Chandre Small**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Chandre.Small@westerncape.gov.za | 021 467 2336

Inombolo yefayili.: 19/2/P
Isalathiso: 2024 20241113-8346

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0022/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ukuphathwa nokulawulwa kwezicelo zotshintsho lwezifundo nezezilungiso zamaBakala 10–12**

1. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukucela iinqununu ziqinisekise ukuba abafundi babhaliswe ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS*. Bonke abafundi bamaBakala 10–12 mababhaliswe ngokuchanekileyo kwizifundo abazifundayo kwanokuba iinkcukacha zabo zifakiwe ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS* ekuqaleni konyaka ngamnye.

2. **Izilungiso zezifundo**

2.1 Xa umfundi ebhaliswe ngokungachanekanga kwi-*CEMIS* ngenxa yempazamo yezolawulo, kuyimfuneko ukwenziwa **kwesilungiso sesifundo**.

2.2 Isikolo sinokusenza isilungiso (*process the correction*) kwi-*CEMIS*. Masibhalwe ngolu hlobo lucaciswe kwi-*CEMIS*.

2.3 Ukuba akungeneki kwi-*CEMIS*, isikolo masicele uMququzeleli woVavanyo kwi-ofisi yesithili semfundo sokuba azenze izilungiso ukulungiselela amaBakala 10 –11.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

2.4 Emva kokuba ifankishini ye-*CEMIS* ivaliwe, naziphi na izilungiso zezifundo zabafundi beBakala 12, mazicelwe kwiCandelo loLawulo loVavanyo kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*). Niyakhunjuzwa ukuba izilungiso zezifundo zabafundi beBakala 12 mazigqitywe ungadlulanga **owe-15 Matshi** qho ngonyaka.

2.5 Zonke izicelo zezilungiso kwizifundo mazikhatshwe ziingxelo zekota njengobungqina besifundo (bezifundo) umfundi asenzayo phambi kokuba kwenziwe izilungiso.

## 3. Izicelo zotshintsho lwezifundo

3.1 **Isicelo sotshintsho lwesifundo** sifuneka xa umfundi etshintsha isifundo (izifundo) asifundayo.

3.2 IMimiselo i-*Regulations Pertaining to the National Curriculum Statement Grades R–12, 2016* epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 40472 ye-02 Disemba 2016 kunye neSetyhula 0028/2016, yomhla we-30 Julayi 2016, icacisa imihla emiselweyo yonyaka kubazali/kubagcini babafundi nakubafundi, yezicelo zotshintsho lwezifundo kumaBakala 10–12.

3.3 Imihla emiselweyo yotshintsho lwezifundo ngo-2025 yile ilandelayo:

| IBakala | Utshintsho lwezifundo oluvumelekileyo | Isicelo somzali/somgcini womfundi/somfundi | Okwenziwa sisikolo |
|---|---|---|---|
| **10** | 2 | 27 Juni | 01 Agasti **kwi-*CEMIS*** |
| **11** | 2 | 28 Matshi | 17 Apreli **kwi-*CEMIS*** |
| **12** | Olunye kuphela, kwiimeko ezizodwa* | 15 Disemba wonyaka weBakala 11 | 24 Januwari wonyaka weBakala 12 **kwi-*CEMIS*** |

**Xa umfundi etshintsha ukusuka kwiMathematika ukuya kuLwazi lweMathematika (Mathematical Literacy), aze umfundi afune ukwenza i-Physical Sciences, i-Physical Sciences mazitshintshwe nazo. Kungoko ke kuya kuvumeleka kuphela utshintsho olwenziwa kabini kwiBakala 12.*

3.4 Umgaqo-nkqubo wovavanyo wesikolo mawuyicacise ngokucacileyo inkqubo yokutshintshwa kwezifundo ephunyezwe kwinqanaba lesikolo. Mayibandakanye oku kulandelayo:

3.4.1 Ukuqatshelwa kwangoko kwabafundi kumaBakala 10 –11 ukulungiselela utshintsho lwezifundo kubaluleke kakhulu. Ootitshala besifundo mabaqaphele abafundi abasemngciphekweni kwisifundo esithile baze babacebise ngotshintsho lwesifundo abazali/abagcini babafundi ngencwadi ebhaliweyo. Utshintsho kufuneka lwenziwe kulungiselelwa umfundi ngeyona ndlela ibhetele.

3.4.2 Umzali/umgcini womfundi makenze isicelo sokutshintsha isifundo kwinqununu ngencwadi ebhaliweyo.

3.4.3 Inqununu iya kuthethathethana nomfundi, nomzali/nomgcini womfundi kunye notitshala wesifundo yaye makufikelelwe kwimvumelwano malunga nokuba ngaba luyeyona nto ilungele umfundi ngeyona ndlela ibhetele na olo tshintsho lwesifundo.

3.4.4 Emva kothethathethwano olufanelekileyo nasemva kokuba kufikelelwe kwimvumelwano, inqununu, umzali/umgcini womfundi notitshala wesifundo mabasayine **uXwebhu i-*Memorandum of Agreement* (*Addendum A*)**, olubonisa ukuba utshintsho lwesifundo lwenzelwa ukulungiselela umfundi ngeyona ndlela ibhetele.

3.4.5 Isikolo nomzali/nomgcini womfundi baya kusebenza ngokubambisana ngomsebenzi wokuqinisekisa ukuba iimfuno zesifundo zomfundi ziyaqwalaselwa yaye umfundi uyinikiwe inkxaso.

3.4.6 Umlawuli we-*CEMIS* wesikolo makagcine ikopi yoXwebhu lwe-*Memorandum of Agreement (MoA)* ukulungiselela iinjongo zeerekhodi.

3.4.7 Zonke izicelo zotshintsho lwezifundo kumaBakala 10 –11 ziya kuvunywa yinqununu zize zifakwe kwi-*CEMIS*.

3.4.8 Amagosa akwaNdlunkulu nawezithili aya kubeka esweni ezi zicelo zotshintsho lwezifundo.

3.5 Apho kucelwe utshintsho lwezifundo ukwenzela abafundi beBakala 11 ngoDisemba, iinqununu kufuneka zinike ubungqina bokuba ziye zadibana nabo bangabazali/bangabagcini abalindelekileyo babafundi beBakala 12 phakathi koNovemba nowe-15 Disemba kunyaka weBakala 11 yaye banike ingxelo eyimfuneko neengcebiso ngokumalunga neziphumo zeBakala 11, ukwenzela ukuba kuvunyelwane ngazo zonke izicelo zokutshintsha izifundo ngabazali/ngabagcini babafundi nootitshala yaye zisingathwe kwangethuba qho ngonyaka.

3.6 Iinqununu azivumelekanga ukuba zenze naluphi na utshintsho lwezifundo kubafundi bazo beBakala 12 yaye azivumelekanga nokuba zibatshintshele abafundi kwiklasi yesifundo esitsha **ngaphandle** kwemvume yeSebe iWCED.

3.7 Ukophulwa kwale migaqo kuya kuthathwa njengesenzo esixhomisa amehlo.

4. **Izicelo zotshintsho lwezifundo zasemva kwexesha elimisiweyo**

4.1 Akukho zicelo zotshintsho lwezifundo zasemva kwexesha elimisiweyo eziya kuvunyelwa.

4.2 Indlela aqhube ngayo umfundi kwisifundo phakathi enyakeni **ayisayi** kuba sisizathu esibambekayo sokwenza isicelo sotshintsho lwesifundo lwasemva kwexesha elimisiweyo.

4.3 Ukuba iimeko ezingqongileyo *(contextual factors)* zibangela ukuba kwenziwe nasiphi na isicelo sotshintsho lwesifundo; isicelo siya kuvavanywa ngokuqwalaselwa kobume bokufaneleka kwaso (*merit)* ngala magosa alandelayo achaphazelekayo:

4.3.1 KumaBakala 10 –11: nguMququzeleli woVavanyo weSithili yaye

4.3.2 KwiBakala 12 kwiCandelo loLawulo loVavanyo ngulo: Chandre.Small@westerncape.gov.za

4.4 Makunikwe izizathu zokwenza isicelo ngencwadi ebhaliweyo.

4.5 Abazali/abagcini babafundi banokufaka isicelo sesibheno ngokusingenisa esikolweni kuqala kwiintsuku ezisixhenxe esimalunga nesicelo ebesikhatyiwe.

4.6 Ukwenzela ukuba isicelo sesibheno siqwalaselwe, makaqhotyoshelwe onke amaxwebhu axhasayo afanelekileyo.

4.7 Izicelo zezibheno namaxwebhu afanelekileyo mazithunyelwe kuNks Chandre Small: (Chandre.Small@westerncape.gov.za) yaye mazihanjiswe nefom yesicelo sesibheno ezaliswe zonke iinkcukacha, eyile: ***Appeal Fom – Subject changes after closing date (Addendum B)***.

4.8 Izicelo zezibheno ziya kuqwalaselwa zingadlulanga iintsuku ezili-10 zokufunyanwa kwesicelo nguMlawuli oyiNtloko weCandelo loVavanyo neeMviwo yaye isigqibo sakhe sesokugqibela.

5. **Izifundo ezongezelelweyo**

5.1 Abafundi abenza isifundo sesibhozo nangaphezulu mabakwenze oko ukususela **kwiBakala 10**. Abafundi abavumelekanga ukuba babhalisele izifundo ezongezelelweyo kumaBakala 11 okanye 12.

5.2 Xa kwenziwa isicelo sokuba isifundo esongezelelweyo songezwe kumaBakala 10–12 njengenxalenye yesilungiso kwisifundo, makungeniswe njengobungqina, iingxelo zekota ezibonisa ukuba isifundo eso besifundiswa kwiBakala 10.

6. Izenzo zokungathotyelwa komgaqo-nkqubo wovavanyo wesikolo okanye ezokubhaliswa ngokungachanekanga kweenkcukacha zokubhaliswa kwabafundi nezezifundo kwi-*CEMIS* ziya kugqithiselwa kuMlawuli weCandelo loLawulo loVavanyo ukwenzela ukuba kwenziwe uphando olungaphezulu yaye kunokuthathwa amanyathelo oluleko ngokuqhubekekayo ngokumalunga nalo mba.

7. Ziyakhunjuzwa izikolo ukuba idatha yobhaliso ye-*CEMIS* isetyenziselwa ukuvelisa ii-*Subject Record Sheets* apho kurekhodwa khona ii-*School-Based Assessments* kuzo zonke izifundo. Idatha yobhaliso ikwasetyenziselwa ukubhalisa abafundi beBakala 12 kwi-*Integrated Examination Computer System.* Kubaluleke gqitha ke ngoko ukuba izikolo ziqinisekise ukuba yonke idatha yabafundi ifakwa ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS*.

8. Iinkcukacha zabafundi (iinkcukacha zomntu kunye nezifundo), njengoko ziboniswe kwi-*CEMIS* ukususela ngowe-**15 Matshi,** ziya kusetyenziselwa ukubhalisa abafundi beBakala 12 kuviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

9. Kubalulekile ke ngoko ukuba iinqununu zikuqinisekise ukuchaneka kwedatha yomfundi weBakala 12 kwi-*CEMIS* ungadlulanga owe-15 Matshi.

10. Izikolo maziqinisekise ukuba zonke iiprofayili zabafundi nengcaciso ngesifundo zingqinisisiwe njengezichanekileyo ungadlulanga **owe-28 Matshi 2025.** ICandelo loLawulo leeMviwo, liya kwaziswa izikolo ngokungeniswa kweeshedyuli zeBakala 12 **kwasekuqaleni kwiKota 2**.

11. Kucelwa iinqununu namagosa ezithili zemfundo zazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala, abazali/abagcini babafundi kunye nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE**: NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-11-22


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department